Isalathiso: 20200117-3167
Inombolo yefayili: 13/7/1/4
Imibuzo: NF Sobetwa-Magodla

ISetyhula: 0007/2020
Umhla wokuphelelwa: 30 Novemba 2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zokuQuquzelela iNkxaso kuBafundi, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo, nakuBaphathi bamaziko emfundo yabadala

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa amaziko emfundo yabadala ngethayimthebhile yokugqibela namalungiselelo eemviwo zangoJuni noNovemba 2020 zeMfundo noQeqesho lwaBadala (ABET) iNqanaba 4.*

Isihloko: Ithayimthebhile yokugqibela namalungiselelo eemviwo zangoJuni noNovemba 2020 zeMfundo noQeqesho lwaBadala (*ABET*) iNqanaba 4

1. Fumana apha kuqhotyoshelwe ithayimthebhile yeemviwo zangoJuni noNovemba 2020 zeMfundo noQeqesho lwaBadala (*ABET*) iNqanaba 4. Uviwo lwangoJuni luya kuqala nge-20 Meyi 2020 luphele nge-11 Juni 2020. Uviwo lwangoNovemba luya kuqala nge-02 Novemba 2020 luqukunjelwe nge-24 Novemba 2020. Zonke iiseshoni zoviwo ziya kuqala ngo-14:00. Ukungalandeli ngqo imihla namaxesha eemviwo kuya kuba sisitenxo (*irregularity*).

2. Ukuqinisekisa umgangatho weenkqubo zeemviwo kubaluleke gqitha ukwenzela ukuqinisekisa ukuthembakala kweemviwo. Oku kuya kuquka utyelelo olungaxelwanga kumaziko okubhalela iimviwo ukuqinisekisa ukuba zonke iimviwo ziqhutywa ngokwemimiselo echaphazelekayo. Abameli abavela kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*), abavela ku-Umalusi nakwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training*) (*DHET*) baya kubeka esweni iinkqubo zeemviwo kumaziko okubhalela iimviwo. Kucelwa uqaphele ukuba ababeki-liso (*monitors*) banokuvunyelwa ukubeka esweni uviwo kuphela xa bevelisa ubungqina bokuzazisa (*proof of identity*) neleta ebagunyazisayo ukuba babeke esweni uviwo egameni le-ofisi echaphazelekayo.

3. Ukuba iimviwo zeziko zibhalelwa ngaphakathi kwisikolo esiqhelekileyo, umphathi weziko lemfundo yabadala makenze amalungiselelo kwangaphambili okuba kusetyenziswe igumbi elinqatyisiweyo, icandelo lesakhiwo sezolawulo, amagumbi okufundela namancedo ezindlu zangasese (*ablution facilities*), njl. njl.

4. Ngumsebenzi noxanduva olusemagxeni omphathi weziko lemfundo ukuphendula ngayo yonke imiba yezolawulo ephathelele kwiimviwo.

5. Akukho mviwa makavunyelwe angene kwigumbi lokubhalela uviwo ngaphandle kokuba uveza ileta yokwamkelwa eluviweni kunye nesazisi. (Qaphela ukuba xa umviwa evunyelwe ukubhala uviwo ngaphandle kwesazisi esisemthethweni neleta yokuvunyelwa ukungena kwigumbi loviwo, makaveze ubungqina besazisi zingadlulanga iiyure eziyi-24. Ukungakwenzi oko kuya kuba sisitenxo ekubhalweni koviwo).

6. Makaqinisekise umgadi wabaviwa oyintloko ukuba abaviwa bangena kwiziko lokubhalela uviwo kwimizuzu eyi-35 phambi kwexesha lokuqalisa elisemthethweni leseshoni yoviwo. Eli xesha liya kusetyenziswa ngolu hlobo lulandelayo:

6.1 Imizuzu eyi-25 yokuqala mayisetyenziselwe ukuhlalisa abaviwa kwizitulo ezichanekileyo, ukukhupha amaphepha emibuzo neencwadi zempendulo kunye nokufunda imigaqo yoviwo.

6.2 Kwimizuzu eyi-10 eseleyo abaviwa mabanikwe ithuba lokufunda lonke iphepha lemibuzo.

6.3 Ukubhala okanye ukwenza iinowuthsi akuvumelekanga ngalo naliphi ixesha kwithuba lemizuzu engama-35. Ukwaphulwa kwalo mthetho kuya kuba sisitenxo.

6.4 Abaviwa mabagqibe ukubhala ngexesha elibhalwe kwithayimthebhile yoviwo apha examination timetable.

7. Kucelwa abaphathi bamaziko ukuba:

7.1 banike bonke abahlohli babo nabaviwa ithayimthebhile ngoko nangoko ukwenzela ukuba bakwazi ukulungiselela iimviwo; nokuba

7.2 bakhumbuze bonke abaviwa babo ukuba mabaveze izazisi neeleta zabo zokuvunyelwa ukungena kwigumbi loviwo phambi kokuqala kweseshoni yoviwo nganye ukwenzela ukuthintela nabuphi ubuqhopholo bezazisi (*identity fraud*) obunokwenzeka.

8. Kucelwa wazise okubhalwe kule setyhula bonke abaviwa kunye nabahlohli ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-02-08

higher education & training
Department: Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ANNEXURE A1

GETC: ABET LEVEL 4 JUNE 2020 EXAMINATION TIMETABLE / AOOS: BOOV VLAK 4 JUNIE 2020 EKSAMENROOSTER

Examination Date /Eksamen Datum	Time/Tyd	Code/Kode	Learning Area Description /	Leerareabeskrywing
Wednesday/Woensdag 20/05/2020	14:00 – 17:00	INCT4	Information Communication Technology L4	Inligtings Kommunikasie Tegnologie V4
Thursday/Donderdag 21/05/2020	14:00 – 17:00	LIFO4	Life Orientation L4/	Lewensoriëntering V4
Friday/Vrydag 22/05/2020	14:00 – 17:00	LCXH4, LCSP4, LCXI4, LCSW4, LCND4, LCZU4, LCSO4, LCVE4, LCTS4,	LLC: IsiXhosa, Sepedi, Xitsonga, Siswati, IsiNdebele L4/ LLC: IsiZulu, Sesotho, Tshivenda, Setswana L4/	TGK: IsiXhosa, Sepedi, Xitsonga, Siswati, IsiNdebele V4 TGK: IsiZulu, Sesotho, Tshivenda, Setswana V4
Monday/Maandag 25/05/2020	14:00 – 17:00	ANHC4	Ancillary Health Care L4/	Aanvullende Gesondheidssorg V4
Tuesday/Dinsdag 26/05/2020	14:00 – 17:00	LCAF4	LLC: Afrikaans L4/	TGK: Afrikaans V4
Wednesday/Woensdag 27/05/2020	14:00 – 17:00	LCEN4	LLC: English L4/	TGK: Engels V4
Thursday/Donderdag 28/05/2020	14:00 – 17:00	HSSC4	Human and Social Sciences L4/	Menslike en Sosiale Wetenskappe V4
Friday/Vrydag 29/05/2020	14:00 – 17:00	ECDV4	Early Childhood Development L4	Vroeë Kinderontwikkeling V4
Monday/Maandag 01/06/2020	14:00 – 17:00	MLMS4 MMSC4	Mathematical Literacy L4/ Mathematics and Mathematical Sciences L4/	Wiskunde Geletterdheid V4 Wiskunde en Wiskunde Wetenskappe V4
Tuesday/Dinsdag 02/06/2020	14:00 – 17:00	TECH4	Technology L4/	Tegnologie V4
Wednesday/Woensdag 03/06/2020	14:00 – 17:00	ARTC4	Arts and Culture L4/	Kuns en Kultuur V4
Thursday/Donderdag 04/06/2020	14:00 – 17:00	NATS4	Natural Sciences L4/	Natuurwetenskappe V4
Friday/Vrydag 05/06/2020	14:00 – 17:00	TRVT4	Travel and Tourism L4/	Reis en Toerisme V4
Monday/Maandag 08/06/2020	14:00 – 17:00	SMME4	Small Medium and Micro Enterprises L4/	Klein Medium en Mikro Ondernemings V4
Tuesday/Dinsdag 09/06/2020	14:00 – 17:00	EMSC4	Economic and Management Sciences L4/	Ekonomiese en Bestuurwetenskappe V4
Wednesday/Woensdag 10/06/2020	14:00 – 17:00	WHRT4	Wholesale and Retail L4	Groothandel en Kleinhandel V4
Thursday/Donderdag 11/06/2020	14:00 – 17:00	AAAT4	Applied Agriculture and Agricultural Technology L4/	Toegepaste Landbou en Landbou Tegnologie V4

ANNEXURE A2

GETC: ABET LEVEL 4 NOVEMBER 2020 EXAMINATION TIMETABLE / AOOS: BOOV VLAK 4 NOVEMBER 2020 EKSAMENROOSTER

Examination Date /Eksamen Datum	Time/Tyd	Code/Kode	Learning Area Description /	Leerareabeskrywing
Monday/Maandag 02/11/2020	14:00 – 17:00	INCT4	Information Communication Technology L4	Inligtings Kommunikasie Tegnologie V4
Tuesday/Dinsdag 03/11/2020	14:00 – 17:00	LIFO4	Life Orientation L4/	Lewensoriëntering V4
Wednesday/Woensdag 04/11/2020	14:00 – 17:00	LCXH4, LCSP4, LCXI4, LCSW4, LCND4, LCZU4, LCSO4, LCVE4, LCTS4,	LLC: IsiXhosa, Sepedi, Xitsonga, Siswati, IsiNdebele L4/ LLC: IsiZulu, Sesotho, Tshivenda, Setswana L4/	TGK: IsiXhosa, Sepedi, Xitsonga, Siswati, IsiNdebele V4 TGK: IsiZulu, Sesotho, Tshivenda, Setswana V4
Thursday/Donderdag 05/11/2020	14:00 – 17:00	ANHC4	Ancillary Health Care L4/	Aanvullende Gesondheidssorg V4
Friday/Vrydag 06/11/2020	14:00 – 17:00	LCAF4	LLC: Afrikaans L4/	TGK: Afrikaans V4
Monday/Maandag 09/11/2020	14:00 – 17:00	LCEN4	LLC: English L4/	TGK: Engels V4
Tuesday/Dinsdag 10/11/2020	14:00 – 17:00	HSSC4	Human and Social Sciences L4/	Menslike en Sosiale Wetenskappe V4
Wednesday/Woensdag 11/11/2020	14:00 – 17:00	ECDV4	Early Childhood Development L4	Vroeë Kinderontwikkeling V4
Thursday/Donderdag 12/11/2020	14:00 – 17:00	ARTC4	Arts and Culture L4/	Kuns en Kultuur V4
Friday/Vrydag 13/11/2020	14:00 – 17:00	TECH4	Technology L4/	Tegnologie V4
Monday/Maandag 16/11/2020	14:00 – 17:00	MLMS4 MMSC4	Mathematical Literacy L4/ Mathematics and Mathematical Sciences L4/	Wiskunde Geletterdheid V4 Wiskunde en Wiskunde Wetenskappe V4
Tuesday/Dinsdag 17/11/2020	14:00 – 17:00	NATS4	Natural Sciences L4/	Natuurwetenskappe V4
Wednesday/Woensdag 18/11/2020	14:00 – 17:00	TRVT4	Travel and Tourism L4/	Reis en Toerisme V4
Thursday/Donderdag 19/11/2020	14:00 – 17:00	SMME4	Small Medium and Micro Enterprises L4/	Klein Medium en Mikro Ondernemings V4
Friday/Vrydag 20/11/2020	14:00 – 17:00	EMSC4	Economic and Management Sciences L4/	Ekonomiese en Bestuurwetenskappe V4
Monday/Maandag 23/11/2020	14:00 – 17:00	WHRT4	Wholesale and Retail L4	Groothandel en Kleinhandel V4
Tuesday/Dinsdag 24/11/2020	14:00 – 17:00	AAAT4	Applied Agriculture and Agricultural Technology L4/	Toegepaste Landbou en Landbou Tegnologie V4